Thusano trust

# Ingaba kufuneka uveze uXwebhu oluNika uMabilifa iGunya ukuze ufake ibango kwiTrasti yeThusano?

GOLD FIELDS | Sibanye Stillwater we are one

Phambi kokuba uye kwiofisi yoMlawuli weMpahla yabaNtu abaSwekekileyo weNkundla ePhakamileyo uyokucela uXwebhu oluNika uMabilifa iGunya, kuza kufuneka ulungise iqela lamaxwebhu. Ukuba nala sele elunge kwangaphambili kuza kuyikhawulezisa inkqubo.

**1. ISaziso sokuSweleka esiGcwalisiweyo (iFomu J294*):**

- Le yifomu esemthethweni esetyenziselwa ukwazisa iOfisi yoMlawuli weMpahla yabaNtu abaSwelekileyo weNkundla ePhakamileyo ngokusweleka.
- Ifomu ifuna iinkcukacha ezifana negama elipheleleyo lomntu oswelekileyo, inombolo ye-ID, isimo somtshato, kunye nedilesi yendawo yokuhlala.

**2. Amaxwebhu e-ID**

- Ikopi eqinisekisiweyo yamaxwebhu e-ID abo bobabini umxhamli oswelekileyo kunye nomfaki sicelo.

**3. ISatifiketi sokuSweleka esingaKhutshelwanga okanye iKopi yaso eQinisekisiweyo:**

- Fumana le fomu kwiSebe leMicimbi yezeKhaya.

**4. UMyolelo neTestamente yokuGqibela (ukuba ikhona):**

- Ukuba umntu oswelekileyo ushiye umyolelo osemthethweni, kufuneka ungenise umyolelo ongakhutshelwanga okanye ikopi eqinisekisiweyo.
- Ukuba ngaba akukho myolelo, impahla iza kulawulwa kungekho myolelo, okuthetha ukuba ulwabiwo lwempahla luza kulandela imithetho emiselwe ngumThetho woLwabiwo lweMpahla engenaMyolelo.

**5. Isitifiketi sokusweleka:**

- Zabantwana abaswelekileyo, izalamane, okanye zabazali bomxhamli oswelekileyo.
- Oko kwenzelwa ukubonisa ukuba abekho abanye abafaki mabango abaphilayo kwimpahla

**6. Isivumelwano esisayinwa ngaphambi:**

- Komtshato sokungadibanisi impahla yomtshato kwimeko yomtshato ongenguwo lowo izinto zomnye zizezomnye

**7. Umyalelo woqhawulo mtshato / isivumelwano esibophelelayo sokusonjululwa kwembambano:**

- Ukuba sikhona

**8. Uluhlu lwempahla (iFomu J243*):**

- Le inika iOfisi yoMlawuli isiswankathelo sempahla kunye namatyala, iirhafu neendleko zolawulo zempahla yomntu.
- Uluhlu lwayo yonke ipropati engasukiyo kunye nesukayo, efana nezindlu, izithuthi, kunye nalo naluphi na utyalomali.

**9. INgxelo eFungelweyo yeSalamane (ukuba iyafuneka):**

- Ngamanye amaxesha iyafuneka ukuqinisekisa ulwakheko losapho lomntu oswelekileyo, ingakumbi ukuba akukho myolelo usemthethweni.

**10. Ukonyulwa njengoMabilifa (ukuba kuxeliwe kumyolelo):**

- Ukuba umyolelo wonyula wena njengomabilifa, quka ikopi yeso siqendu okanye umyolelo xa uwonke obonisa ukonyulwa.

**11. ULwamkelo lweTrasti nguMabilifa (iFomu J190*):**

- Umabilifa ophakanyiswayo kufuneka agcwalise kwaye asayine le fomu ukwamkela amaxanduva akhe.

**12. ISivumelwano esisemThethweni (ukuba siyafuneka):**

- Ukuba ngaba umyolelo awukhululi umabilifa okanye ukuba iOfisi yoMlawuli icinga ukuba kuyimfuneko, uza kufuna isivumelwano esisemthethweni kwiinkampani zeinshorensi.

- IOfisi yoMlawuli weMpahla yabaNtu abaSwelekileyo weNkundla ePhakamileyo uza kukunceda ngaphandle kwegqwetha ukuba impahla ayodluli kuma-R250 000.

- Ukuba impahla yodlula ama-R250 000 kufuneka uzifunele igqwetha olikhethayo ukuze likuncede ngolawulo lwempahla yomntu oswelekileyo.

- Ungaqhagamshelana neofisi yakho ekufutshane yakwa-TEBA ngecebo lokufumana igqwetha ngale njongo.

**Zonke iifomu zinokudawunlowudwa kwiwebhusayithi yeSebe lezobuLungisa: https://www.justice.gov.za/master/forms.html.*
*Ezi zixhomekeke kwiimfuneko zangoku kunye / okanye kulwazi olutsha oluvela kwiSebe lezobuLungisa.*